



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2012**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-16.**

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

#### **KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- UNomakhwezi uthanda iindaba zolwimi.
- Intlalo imbi emzini wakhe ngenxa yolwimi.
- Ukungabi nambeko kumyeni wakhe.
- Ubukhwele nokungavisisani emtshatweni.
- Ukudodobala kweshishini nokugula kukaLungile.
- ULungile usebenzela i-inshorensi.
- Ukungafuni kukaNomakhwezi abantu bomzi wakhe.
- Inxhabano kaLungile noNomakhwezi.
- Ukufa kukaLungile noNomakhwezi, ukwenzakala kukaYolisa noMpumelelo.

[35]

### OKANYE

### UMBUZO 2: (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### **KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

- |     |       |   |     |
|-----|-------|---|-----|
| 2.1 | 2.1.1 | Kwakukho itheko lokuvuyisana noMpumelelo kuba ephumelele ezifundweni zakhe/baze kunika amathamsanqa ishishini levenkile. ✓  | (1) |
|     | 2.1.2 | B Kukuncoma okokoko umbono omhle kangaka ✓/B ✓/kukuncoma okokoko umbono omhle kangaka. ✓  | (1) |
|     | 2.1.3 | Bubuhle bezifundiswa zinxibe iimbasa ezinemisila. ✓   | (1) |
|     | 2.1.4 | Uyinkosikazi kaMpumelelo/ungumfazi kaMpumelelo. ✓   | (1) |
|     | 2.1.5 | Ayencoma etyibela umsebenzi owenziwe nguMpumelelo. ✓  | (1) |
|     | 2.1.6 | Inqanaba lokunonophela abantwana baso ngokubafundisa. ✓   | (1) |
|     | 2.1.7 | Imfundo ayinalishwa, ngenxa yemfundo uMpumelelo noThembisa baba ngoogqirha, baphucula amakhaya abo, baphucula bekwatshintsha nentlalo yabantu basemaphandleni. ✓✓<br>(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) | (2) |
|     | 2.1.8 | Kukuba ekunyamezeleni kukho umvuzo/umzingisi akanashwa. ✓   | (1) |
|     | 2.1.9 | Ngebenelunda ngonyana wabo okuphela kwakhe/ngebeziqhayisa ngaye/ngebezidla ngaye/ngebengawuvali umlomo luvuyo. ✓✓   | (2) |

- 2.1.10 Ziyavuselela zikukhuthaza, kuba nokokuba umntu ebesele efuna ukutyhafa, uphinda akhuthazeke. √√

### OKANYE

Azinafuthe libheke phi kuba iimeko azifani ebantwini/uyakwazi ukuphumelela ungakhange de ube ufunde kakhulu. √√ (2)

- 2.1.11 Yivenkile. √ (1)

- 2.1.12 UMpumelelo uhambe nzima ekufundeni ngenxa yengozi awadibana nayo ehamba nabazali bakhe, basweleka wasala eyinkedama.√ Loo ngozi yamshiya egula.√ Usinde ekubulaweni ngootsotsi abathengwe nguNozililo.√ (3)

- 2.1.13 Wayeyigusha ngokululama, eyimvuzemvuze ngobubele.√ Wakwazi ukunyamezela inkosikazi yakhe ingunkom'iyahlaba, wayenobubele kubathengi nakubantu bakowabo. √ (2)

- 2.1.14 Kukubakhonza, abathande ababuke abantu. √√ (2)

- 2.1.15 Ewe, kwakuncokolwa ngalo eli theko/lalikhulu kuzele ngumlisela nomthinjana neentlobo zonke zabantu. √√ (2)

- 2.2 2.2.1 EMgungundlovu√ (1)

- 2.2.2 Kwagqitha phambi kwabo ikati emnyama. √ (1)

- 2.2.3 Imoto yashiya indlela yabhukuqa,yatyoboka. √ (1)

- 2.2.4 Ootsotsi ababeqeshwe nguNozililo noNtongana babanjwa, bacinwa baxela ukuba baqeshwe ngabo.√√ (2)

- 2.2.5 Bayikhanyela into yokuba abevani nabantu bakwaNtsibande, beza namangqina okubonisa ukuba babezitshomi noNomakhwezi esaphila.√√ (2)

- 2.2.6 UNozililo noNtongana baliphumelela ityala√ (1)

- 2.2.7 UNozililo wafa ngokutshiselwa emzini wakhe kunye noNtongana, betshiswa zizilwane zikatsotsi owafa mhla kwakutshiswa ivenkile yakwaNtsibande. √√ (2)

- 2.2.8 UseJamani√ (1)

- 2.2.9 Liyelenqe lokuzama ukubulala uMpumelelo. (1)

[35]

### OKANYE

### UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

#### UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani

3.1 Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Isigqibo sokwandisa ishishini ngokuthengisa intsangu e*Moonglow night club*.
- Ukungahambisani kukaEddie namanye amalungu aseMoonglow ngesi sigqibo.
- Isigqibo esithathwe ngamanye amalungu ngoEddie.
- Ukufa kukaEddie noLulama.
- Indima edlalwe nguNorah Hobe.
- Ukubanjwa kukaLinda Monti.
- Uphando lukaDick neziphumo zalo.

[25]

3.2 Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Ileta ayibhalileyo uLinda ebhalela uEddie.
- Ukuzintyintya kukaLinda ngotywala ngobu busuku bokubulawa kukaEddie noLulama.
- Impahla abeyinxibile ngemini yokufa kukaEddie noLulama.
- Ivolovolo edubule uEddie yi.38 *Automatic* efana nekaLinda.
- Ubungqina obunikwe nguJoe Bumba.
- Amavili iRoad Masters tyres.

[10]

[35]

### UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani

- 4.1 4.1.1 *NguThobela Sikutyele.*√ (1)
- 4.1.2 Yayikukutsala umdla kubathengi.√√ (2)
- 4.1.3 Ewe, 'yeka ukungungelana kwaloo mkhosi wabasebenzi, behluthana ukulithenga iphepha.'√√ (2)
- 4.1.4 ULinda useluvalelweni√/ usetolongweni.√ (1)
- 4.1.5 'Akasoze uLinda ayenze into enjalo.' Abanye ... 'Akwaba ebemsindisile uEddie, kufe elaa qhajazana linguLulama lodwa.'√ (1)
- 4.1.6 ULinda ngunobuhle wodumo waseMonti.√ (1)
- 4.1.7 Umfundi usenokuvakalisa uvuyo kuba ide yavela inyani√√/kuba eza kuphuma uLinda eluvalelweni.√√ (1)
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

- 4.1.8 UEddie wabulawa yimbumbulu eyangena ngasekhohlo entlokweni yakhe, yaya kuma ebuchotsheni.√  
ULulama wabulawa kukopha ngenxa yamanxeba okuhlatelywa zingceba zeglasi yefestile yemoto.√ (2)
- 4.1.9 Ewe, kuba uDick waya e*Femina house* wafumanisa ukuba likhona elinye inenekazi elithenge idyasi efana nekaLinda, lilonke ayingoLinda yedwa onayo.√√ (2)
- 4.1.10 Undaba-mlonyeni yinto ekuthethwa ngayo kuzo zonke iindawo ngabantu bonke. √√ (1)
- 4.1.11 NguThembisa Ntloko√/nguNkosikazi Hobe√ (1)
- 4.1.12 Hayi, uLinda ngumntu ohloniphekileyo, owaziwayo akazange waba netyala. √√

### OKANYE

Ewe, kuba bonke ubungqina bebujolise kuye. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

- 4.2 4.2.1 ULinda wayengathi umkelwe ziingqondo√√/wayesenza izinto ngathi uphambene√√/wayengaziva ukuba wenzani oku komntu ogula ngengqondo.√√ (2)
- 4.2.2 Ebesele kakhulu utywala√/wayephethwe ngumqhele. √ (1)
- 4.2.3 Sisifaniso, sinika umfanekiso womntu owuvule kakhulu umlomo√√ /umfanekiso womntu okhamisele ukutya into ekudala eyibawela. √√  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 4.2.4 Kukufa kukaEddie noLulama√/kukubulawa kukaEddie noLulama.√ (1)
- 4.2.5 Bobokuba ivolovolo kaLinda yayikhe yalahleka. √ (1)
- 4.2.6 Akulunganga, kuba kuyichaphazela kakubi impilo√√/xa usele kakhulu wenza izinto ezingalunganga kuba awubi sezingqondweni.√√

### OKANYE

Kulungile, kuba ukhe ube nethuba lokulibala iingxaki zakho oko mzuzwana.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)

- 4.2.7 Seyinqongo.√ (1)

- 4.2.8 Uthetha ukuba utywala abubobabantwana√√/kudala babakho utywala. √√ (2)
- 4.2.9 Kukufuna ukungacingi ngoEddie.√ (1)
- 4.2.10 Waphumelela kuba watsho wayeka ukucinga ngoEddie ngala mzuzu, walala. √√ (2)
- 4.2.11 Andivelani naye kuba uzifake ngokwakhe kule ngxaki, uEddie wayefuna ukuhamba naye xa esiya kumboniso bhanya-bhanya, yena akavuma wathi uyagula engaguli. √√

### OKANYE

Ndiyavelana naye kuba uLinda wayemthanda ngenene nangenyaniso uEddie nangona abantu babesoloko bemxelela ngobudlalani bukaEddie.√√ (2)  
[35]

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

#### NDIYEKENI – DM Jongilanga

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Ubudlelwane bukaMaziko noLoni ngokwasemsebenzini.
- Izenzo zikaMaziko zokukhohlisa uLoni.
- Injongo zikaMaziko kuyo yonke into ayenzayo.
- Ukutha uNdila umoya wempindezelo.
- Ubuchule bakhe kumayelenqe awenzayo.
- Impumelelo kaMaziko ekuwiseni uLoni.

[35]

### OKANYE

### UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)

#### NDIYEKENI – DM Jongilanga

- |     |       |   |     |
|-----|-------|---|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | Ungamthathi abe ngowakho nje✓/makabe ngowakho✓/mbambe nithandane.✓                    | (1) |
|     | 6.1.2 | Uthetha ukuba akafumaneki lula. ✓✓  | (2) |
|     | 6.1.3 | Lumka✓✓/ungamjongeli phantsi.✓✓   | (2) |
|     | 6.1.4 | Uthi yingqanga✓/yingwe yezixhobo✓/untsho kwiinkozi.✓<br>(Nayiphi enye yezi.)          | (1) |
|     | 6.1.5 | Kukungaseli tywala.✓✓   | (1) |
|     | 6.1.6 | 'Kudala ndimlindele sendifun' ukuncama ngoku.' ✓                                      | (1) |
|     | 6.1.7 | Babethandana.✓  | (1) |
|     | 6.1.8 | Hayi, uyamsebenzisa ekufezekiseni iimfuno zakhe✓✓/umtha imimoya emibi, emlahlekisa.✓✓ |     |

### OKANYE

- |       |  |   |     |
|-------|--|---|-----|
|       |  | Ewe, kuba wanceda uZanele ekufumaneni uLoni ekwakukudala emncwasile. ✓✓                           | (2) |
| 6.1.9 |  | Ibonisa ukuba uFuneka namava ngeendlela zokuloba amadoda/kudala wayenza into yokuwisa amadoda. ✓✓ | (2) |

- 6.2 6.2.1 Kukwenza izinto ngocoselelo.√√/Kukwenza izinto ngohlobo ezifanele ukwenziwa ngalo.√√  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 6.2.2 Usiqubule√√/usifikele singacingelanga/usigabangxile.√√ (2)
- 6.2.3 Iyacenga.√ (1)
- 6.2.4 Ewe, kuba umphethe kakubi umfazi wakhe ngezinto azenzayo. √√ (2)
- 6.2.5 Butywala√/kukusela utywala.√ (1)
- 6.2.6 Wayekhathazekile.√ (1)
- 6.2.7 Ngumntakwabo. 'Mfo kabawo.'√√ (2)
- 6.2.8 'Uyagalela mfo kabawo.'√ (1)
- 6.2.9 Funda ukuzilinda nokuzilinganisela.√√ (2)
- 6.2.10 Wawungumntu owenza izinto ngendlela efanelekileyo kodwa ngoku utshintshile wenza izinto ezingalunganga√√/wawunesidima uyingqununu ngoku ulinxila elilala apho lihlwelwe khona.√√  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 6.2.11 'Nomlambo ukusuka elisweni uphala kuhle uphilisa ubuye elwagcibeni utyekeza iingodo namabibi.'√ (1)
- 6.2.12 Hlukanani nam.√  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)
- 6.2.13 Hayi, zange zisebenze kuba uMawonga waqhubekeka nokuziphatha kakubi emsebenzini, ekhaya nasekuhlaleni.√√ (2)
- 6.2.14 Uzityise ityhefu, enye wayifaka emvulophini ebhalwe uMnu. Ndila nedilesi yakhe wayifaka kwidrowa yewodrophu kaFuneka apho ifunyenwe khona ngamapolisa.√√ (2)

[35]

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

#### *IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI – LL Ngewu*

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Izibhovubhovu zaseBhayi zingena emizini zisenza unothanda.
- Imeko yezifundiswa phantsi kobundlobongela bezi zibhovubhovu.
- Amacebo ebesenziwa ngamadoda ukubaleka le meko.
- Ukungcungcutheka kwabantu.
- Indima edlalwe ngumthetho eDikeni.
- Imini elatshon'emini kwizikrelemnqa.
- Isiphelo sazo.

[35]

### UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### *ITUTU LASETIKITIKI – LL Ngewu*

- |     |       |  |     |
|-----|-------|--|-----|
| 8.1 | 8.1.1 | NguThobile√  | (1) |
|     | 8.1.2 | ... katitshala.√   | (1) |
|     | 8.1.3 | Isizathu esibangela ukuba aqiniseke urheme ukuba ukubuya kwesipaji kuza kumfaka engxakini kukuba utitshala uXakanisekile wayeza kuyazi ukuba isipaji sabiwa nguye.√√ | (2) |
|     | 8.1.4 | Sisigqibo sokuba azame ukuba isipaji asifumane kwindawo esifihlwe kuyo ngunina, asibe.√  | (1) |
|     | 8.1.5 | Kukukhangela into engaphantsi kwezinto.√√  | (2) |
|     | 8.1.6 | ... besiqhushekwe ... √  | (1) |
|     | 8.1.7 | '... uneminwe emide ...' √   | (1) |
|     | 8.1.8 | Ewe, kuba uthi usemncinane√√/wenza nje izinto zobuntwana aza kwahlukana nazo akukhula.√√   | (2) |
|     | 8.1.9 | Ewe, kuba nguye yedwa umntwana okhoyo kwela khaya/kuba ungumntwana onemikhuba enganyamezelekiyo. √√  |     |

#### OKANYE

- |        |  |  |     |
|--------|--|--|-----|
|        |  | Hayi, kuba akanabungqina bokuba imali yakhe elahlekayo ithathwa nguThobile. √√ | (2) |
| 8.1.10 |  | Kungokuba imali yakhe ekuso yayingasaphelelanga.                               | (1) |

- 8.1.11 Wagxothwa uThobile esikolweni.√ (1)
- 8.1.12 UThobile uqale kancinci ukuba, esiba imali yabanye abafundi neyeetitshala esikolweni, wenyukela, weba umbona emasimini neenkukhu zabantu, waggithela, weba iinkomo, de waggibela ngokuba isidumbu. √√ (2)
- 8.2 8.2.1 ... baphuma ngobuninzi.√ (1)
- 8.2.2 NguThobile√ (1)
- 8.2.3 Babecaphuka kuba wayesiba izinto zabo.√√ (2)
- 8.2.4 'baya kumdla ngamazinyo.'√ (1)
- 8.2.5 Lityala lokubiwa kwesidumbu.√ (1)
- 8.2.6 Hayi, umantyi wanika isigwebo sokuba ummangalelwa athunyelwe kwisibhedlele sabantu abagula ngengqondo.√√ (2)
- 8.2.7 Kukuba ummangalelwa abe isidumbu, asityathe egxeni. √√ (2)
- 8.2.8 Ummangalelwa wayeza kuthi emva kokuba ephumile entolongweni, aphinde ebe/ummangalelwa wayeza kuthi akuphinda abe, aphele esenzakaliswa ngabantu bedikwe zizenzo zakhe ezigwenxa. √√ (2)
- 8.2.9 ... aziqhwabanga nyhani.√ (1)
- 8.2.10 B Uphume ephile qete√/B√/uphume ephile qete. √ (1)
- 8.2.11 Kungokuba wayetshintshile, engaselilo isela koko esenza imisebenzi yokuphuhlisa intlalo yabantu nokukhulisa isizwe.√√ (2)
- 8.2.12 Izinto masingazijongi calanye/umntu uyakwazi ukwenza izinto ezingalunganga kanti akazenzisi, uyagula/ayingabo bonke abantu abenza imikhuba abenza ngabom.√√ (2)
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)
- [35]

## ICANDELO D: ISIHOBE

### VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli

#### UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

##### Intyatyambo – M Mbuthuma

- 9.1 ... 'kha usixelele'. ✓ (1)
- 9.2 Isimntwiso✓ (1)
- 9.3 Yimvano-siphelo✓ (1)
- 9.4 Isingqisho✓ (1)
- 9.5 Abantu abazulazula emathafeni bayonwaba emphefumleni✓/luyolo lodwa kwabo bahambahamba endle. ✓ (1)
- 9.6 iyabahlaziya✓ (1)
- 9.7 Ngabantu abathanda ukubuka iintyatyambo✓✓/ngabantu abathanda ukukha iintyatyambo. ✓✓ (2)
- 9.8 Licacisa ukuba ubuhle bentyatyambo buyazithabatha iingqondo zabantu✓/ubuhle bentyatyambo bukwenza ulibale yonke into. ✓ (1)
- 9.9 Intyatyambo iluncedo ebantwini nezilwanyana neentaka zifumana incindi kuzo. ✓✓ (2)
- 9.10 Ziindid' ezininz' iintyatyambo. ✓ (1)
- 9.11 Umthinjana✓ (1)
- 9.12 Imbongi ichaza inkangeleko yentyatyambo, uncedo lwayo nendlela ebaluleke ngayo ebantwini nasendalweni yonke. ✓ (1)
- 9.13 Ugxininisa ukuba akukho mntu ungabuncomiyo ubuhle bentyatyambo kwaye iyathandwa. ✓✓ (2)
- 9.14 Imbongi yonwabile. ✓✓ (1½)  
[17½]

## OKANYE

## UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### Ibhabhathane – LS Ngcangata

- 10.1 Yimfano-zandi ka-bh√ (1)
- 10.2 Ibhabhathane liphaphazela ngokuthe cwaka kwaye alenzi ngxolo. √ (1)
- 10.3 Sisinambuzane√ (½)
- 10.4 Luchasaniso√ (1)
- 10.5 Ngumfanekiso-ntelekelelo weliso√ (1)
- 10.6 Phakathi kwezityalo√/emathafeni√/emagcumeni. √  
(Nasiphi isibini) (2)
- 10.7 Ibhabhathane lihlala limbalabala, liqhakrazile, linomtsalane, libukeka . √√ (2)
- 10.8 Ukubukeka kwebhabhathane noncedo lwalo endalweni. √√ (2)
- 10.9 Ubuhle bebhhabhathane buyenza izive ihlaziyeke ngaphakathi entliziyweni. √√ (2)
- 10.10 Incoma ubuhle ebhabhathane√√ (2)
- 10.11 Ibhabhathane lihle ngaphandle nangaphakathi kanti ikhiwane lihle ngaphandle, ngaphakathi linempethu okanye libolile. √ (1)
- 10.12 Unemigca elishumi elinesine. √ (1)
- 10.13 Kubonisa umdla obalaseleyo wombali kwindalo, ingakumbo ibhabhathane. √ (1)
- [17½]

## OKANYE

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### Funzela enzulwini – SSM Mema

- 11.1 Ubomi bunzima√√/ubomi ngumzamo√√/ubomi bungamahla ndinyuka. √√ (2)
- 11.2 Kumakhwenkwe namantombazana√/kulutsha. √ (1)
- 11.3 Ngamakroti. √ (1)
- 11.4 Imbongi ithi ubomi bufuna umntu onyamezelayo√√/umntu ongelobhetyebhetye√√/ubomi bufuna umntu onganikezeliyo√√/umntu owomeleleyo. √√  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

- 11.5 Qina isibindi√/qul 'imini nobusuku√/qhekez' imichankath' owele ngayo. √  
(Nayiphi enye kwezi) (1)
- 11.6 'Ufunzel' enzulwini ungabuyi ngamva.' √ (1)
- 11.7 Yimpumelelo ebomini√/lelokuphumelela ebomini. √  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (1)
- 11.8 Ngabatyhafileyo abancamileyo√/ngabanikezeleyo√/ngabathe bakudibana  
neengxaki basuka batyhafa√.  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.) (1)
- 11.9 Uyakubona abaninzi abaphila impilo yokuzibhubhisa√√/ Bakuba baninzi  
ohlangana nabo abasele bezincamele ezintweni ezingezizo√√.  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.) (2)
- 11.10 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ (1)
- 11.11 NguThixo√/nguQamata. √ (1)
- 11.12 Ngumbongo-nkcazo√ (1)
- 11.13 B mabathandaze√/B√/mabathandaze√ (½)
- 11.14 Ewe, kuba imbongi apha iyakhuthaza ukuba abantu mabomelele babheke  
phambili ebomini, unika neengcebiso√√/ imbongi ikhuthaza ukuba abantu  
banganikezeli, babheke phambili ebomini nokuba kunzima. √√  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

[17½]

## OKANYE

### UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### Amasele phezu kodonga – MM Duka

- 12.1 A aabbc√/ A√/ aabbc√ (½)
- 12.2 Sinika umfanekiso-ngqondweni wabantu abaninzi abahleli phantsi, bethe  
thande.√√  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 12.3 Imbongi ibonisa umdla awaba nawo amasele xa kungena inkosi yawo  
entlanganisweni. Inkosi yawo yathi xa ithetha ngenyoka yabonakalisa uloyiko  
kuba inyoka zihlelele ukubulala amasele. √√ (2)

- 12.4 Yahlala phantsi ilila kakhulu√/igixa.√ (1)
- 12.5 Libonisa ukuba ayethule cwaka, kungekho nosebesebe, unokuva nokuwa kwesipeliti esiwayo.√√ (2)
- 12.6 Itatasholo ngumntu oliqhitala√√/ ongakwaz' ukwenza izinto kakuhle. √√ (2)
- 12.7 Amaxoxo neendubule.√√ (2)
- 12.8 Ngu-rh√ (1)
- 12.9 Ngumbongo-mbaliso√/ngumbongo bungoma.√ (1)
- 12.10 Kukuba athi amasele ezixoxela malunga nokuphatheka kakubi ziinyoka efuna icebo lokuzikhusela, suka kuthi gqi irhamba, abaleke onke engaphumanga nalo icebo.√√ (2)
- 12.11 Imfundiso yalo mbongo kukuba ukuthetha akufani nokwenza√√ (2)  
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) [17½]

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**

**AMANQAKU EWONKE: 70**

**ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO - IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI**

Qaphela umahluko kumanqaku anikwa umxholo xa kuthelekiswa nalawo esakhiwo nolwimi.

<b>ULWABIWO LWEEKHOWUDI NAMANQAKU</b>		<b>UMXHOLO [25] Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.</b>	<b>ULWABIWO LWAMANQA KU</b>	<b>ISAKHIWO NOLWIMI [10] Isakhiwo, sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.</b>
Ikhawudi 7 80–100%	Kugqwesile 20–25 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo.</li> <li>- Isincoko siphuhlile. (90+ ukugqwesa kwesincoko).</li> <li>- Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi.</li> <li>- Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi.</li> </ul>	Kugqwesile 8–10 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo.</li> <li>- Intshayelelo nesiphelo zigqwesile.</li> <li>- Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhlise ngokucacileyo.</li> <li>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.</li> </ul>
Ikhawudi 6 70–79%	Kuphakamile 17½–19½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo.</li> <li>- Isincoko sicacile.</li> <li>- Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo nezixhaswe kakuhle kwitekisi.</li> <li>- Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka kakhulu</li> </ul>	Kuphakamile 7–7½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Isincoko sakhiwe kakuhle.</li> <li>- Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka.</li> <li>- Izimvo neengcinga zilandeleka lula.</li> <li>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko.</li> <li>- Isinikezelo sihle.</li> </ul>
Ikhawudi 5 60–69%	Kuphakathi 15–17 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko.</li> <li>- Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe.</li> <li>- Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo, kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo.</li> <li>- Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka.</li> </ul>	Kuphakathi 6–6½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelelana ngokufanelekileyo.</li> <li>- Intshayelelo, isiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle.</li> <li>- Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka.</li> <li>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.</li> </ul>
Ikhawudi 4 50–59%	Kuyanelisa 12½–14½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhlswanga ngokwaneleyo.</li> <li>- Amanye amanqaku akhe axhasa isihloko ngokwanelisayo.</li> <li>- Ezinye izimvo ziyaxhasa nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam.</li> <li>- Ulwazi lwejenri netekisi lukwizinga eliphantsi.</li> </ul>	Kuyanelisa 5–5½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Bukho ubungqina besakhiwo obubonakalayo.</li> <li>- Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo.</li> <li>- Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo.</li> <li>- Imihlathi ithande ukuchaneka.</li> </ul>
Ikhawudi 3 40–49%	Kuzamekile 10–12 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo.</li> <li>- Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci kakhulu.</li> <li>- Izimvo aziphuhlanga kwaye zixhaswa kancinci ngoko kukwitekisi.</li> <li>- Umfundi akakayilandeli ncam le jenri netekisi.</li> </ul>	Kuzamekile 4–4½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Uyilo kunye/okanye isakhiwo zixazalala.</li> <li>- Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo.</li> <li>- Imihlathi ixazalala.</li> <li>- Kukho ubungqina beziphene zolwimi.</li> <li>- Ithoni nesimbo zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo.</li> </ul>

Ikhawudi 2 30–39%	Kunzinyana 7½–9½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Akasilandeli tu isihloko.</li> <li>- Isincoko sibonakalisa ukuphinda-phindwa kwezimvo kwaye</li> <li>- sithanda ukuphuma emxholweni.</li> <li>- Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa ngetekisi.</li> <li>- Akanalo tu ulwazi lwale tekisi nejenri.</li> </ul>	Kunzinyana 3–3½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukulandelelana kakuhle kwezimvo kuchatshazelwa lubhalo</li> <li>- Oluxazalala nesakhiwo esingacwangciswanga kakuhle.</li> <li>- Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo tu.</li> </ul>
Ikhawudi 1 0–29%	Kunzima 0–7 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile.</li> <li>- Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa ngetekisi.</li> <li>- Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri.</li> </ul>	Kunzima 0–2½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe.</li> <li>- Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo.</li> <li>- Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano.</li> <li>- Ulwimi lufe amanqo.</li> <li>- Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.</li> </ul>